

# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



## limvavanyo zomhlaba ziluncedo ngesichumiso sesityalo esilandelayo

**A**MASIMI OOJONGILANGA NEEMBOTYI ZESOYA AVUNIWE KWIINDAWO ZASEFREE STATE EZIMA EZI ZITYALO. OOJONGILANGA NEEMBOTYI ZESOYA EMASIMINI AMAKHULU ZIKHUPHE IITONI EZI-2 NEZI-2,1 NGEHEKTARE NGOKULANDELELANA KWAZO.

Umbona olinywe emva kwexesha kunelesiqhelo ubonise isiquelatho sokufuma kwizikhwebu se 18,5% ngexesha lokubhala kwam apha. Imithwalo yovavanyo lwezivuno ibonisa izivuno eziphezulwana kuneengqikelelo zeziyalozasekuqaleni zeetonizesi 6,4 ngehektare nesiquelatho sokufuma kwembewu esimalunga nama 25%.

Ezi zivuno zeziyalozethathu ezhkhankanywe ngasentla ziphezulu kunemiyinge yethuba elide yeetonizesi 4,5 ukuya kwitoni ezi-5 ngehektare

*E kwadilwie ke morolatiro*



okanye zibe nganeno kwezombona kwiindawo ezomileyo, ezifunyenwe kumaxesha okulima akutshanje, abonwe njenganesakhono esiphezulu malunga nezi ntlobozomhlaba eziphakathi ukuya kwezinzulu zeWesleigh. Izivuno zemihlanganisela yazo zonke izityalo zibe phezulu ngokwanda zithe chu kuxhomekeka kwizenzo zokulima, ukufuma komhlaba ngexesha lokutyalaukuze emva koko kuxhomekeke kwiipatene zokuna kwemvula.

Izivuno ezingasentla zisisiphumo somgaqo wokungahlakuli ngokupheleleyo ukuze kugcineke iintsalela zesityalo sangaphambili kumphezulu, ukukrazulwa komhlaba ngasekupheleni kobusika nokutyisa ezinye



Imvavanyo zomhlaba ziluncedo...



Wazi umhlaba wakho.



Yiba soloko ugcine iinyawo zakho emasimini izandla zakho zibe semhlabeni.

iintsalela phambi komsebenzi wokukrazulwa kwemihlaba. Ukutshatyaliswa kokhula kwensiwe ngocoselelo ngokusebenzisa inkqubo esebezayo yokutshiza ngeekhemikhali nasemva kokuhluma kwezityalo.

Ngumgaqo olungileyo wokufama ukwenza iimvavanyo zemihlaba qho emva kwamaxhesha amathathu okulima ukuze ube nofifi lweenguuko ezinokubakho kumaqondo akho okuchuma. Kanti kungafaneleka ukwenza iimvavanyo zemihlaba phakathi kukaJulayi no-Oktobhaba kulo nyaka emva kokuvunwa kwsityalo sesivuno esikhulu. Izivuno ezifunyenwego azinakuthelekiswa neemvavanyo zemihlaba zangaphambili, ukuchunyiswa komhlaba ngenene nezivuno ekugqaliselwe kuzo ukuze kuqikelelwinkqubo yezichumiso yamaxesha okulima azayo.

Ingaba ndenzelelela isivuno esingapezu kwsesiqhelo, isakhono esitsha semihlanganisela okanye ndifaka isichumiso ngokwesiqhelo ngokusebenzisa isixa esithile ekugqaliselwe kuso? Xa kusetyenziswa inkqubo yojikeleziso lwezityalo kulandeliswe, umzekelo, ngomdibani-so weembotyi zesoya, umbona noojongilanga nako kuya kuba nefuthe kwisigqibo sakho malunga nohlobo olulungileyo lwasichumiso ngokunjalo nesixa esifanele ukusetyenziswa.

## IIMVAVANYO ZEMIHLABA ZANGAPHAMBILI

Nceda jonga **iTheyibhile 1** njengomzekelo weziphumo zovavanyo lwemihlaba eboniswe ngeebloko zemibala ukuze uthelekiso lomhlaba

## Umzekelo wengxelo elunga-lungisiwego yaseARC ngovavanyo lwemihlaba.

ARC-SMALL GRAIN INSTITUTE Soil Analyses Laboratory Private Bag X29 Bethlehem 9700		Tel: 058 307 3501		Name:	Farm:	Test reference:	2020-G-52					
		Address:		Fax No.:	Date received:	05/07/2020						
				Tel No.:	Date completed:	07/07/2020						
Sample number		506	507	508	509	510	511					
Sample reference		L1	L2	L3	L4	L5	L6					
NORMS												
Description	Extremely Acid	Very Strongly Acid	Strongly Acid	Acid	Medium Acid	Slightly Acid						
% SV	> 60	50 - 60	40 - 50	30 - 40	20 - 30	10 - 20						
pH (KCl)	< 3.5	3.6 - 3.8	3.9 - 4.0	4.1 - 4.3	4.4 - 4.5	4.6 - 5.0						
Description	Slightly Acid	Slightly Acid	Neutral	Slightly Alkaline	Alkaline	Medium Alkaline						
pH (KCl)	5.1 - 5.5	5.6 - 5.9	6	6.1 - 6.4	6.5 - 7.0	7.1 - 7.5						
N												
	Result as % of CEC	Low	Medium / Ideal	Medium-High	High							
Na												
P	mg/kg	< 15	15 - 25	25 - 35	> 35	10,20	3,90	13,00	33,20	9,50	63,60	
Ca	mg/kg	55 - 75	< 200	200 - 400	400 - 800	> 800	1175,00	343,00	638,00	516,00	647,00	570,00
Ca - CEC %		< 60%	60 - 70%	71 - 75%	> 75	85,00%	52,00%	65,00%	69,00%	71,00%	67,00%	
Mg	mg/kg	20 - 30	< 40	40 - 80	80 - 120	> 120	100,00	105,20	191,10	118,10	122,60	119,30
Mg - CEC %		< 10%	10 - 20%	21 - 26%	> 26%	12,00%	26,00%	32,00%	26,00%	22,00%	23,00%	
K	mg/kg	6 - 12	< 60	60 - 80	80 - 120	> 120	73,50	286,90	48,50	41,30	88,10	120,50
K - CEC %		< 2	2 - 5%	6 - 8%	> 8%	3,00%	22,00%	3,00%	3,00%	5,00%	7,00%	
Na	mg/kg	< 5	10 - 30	30 - 50	> 50	50	7,30	3,50	14,50	13,40	17,70	20,50
Na - CEC %		< 5	0,5 - 3%	3,1 - 6%	> 6%	0,00%	0,00%	1,00%	2,00%	2,00%	2,00%	
US						0,00	0,00	0,00	0,00	0,00	0,00	
SV	%											
Ca/Mg		< 9	3 - 4,33	4,33 - 6,9	> 7	7,16	1,99	2,04	2,86	3,22	2,91	
(Ca + Mg)/K		< 10	10 - 20	21 - 29	> 30	35,63	3,51	38,37	33,63	18,82	12,42	
KUK / CEC						6,91	3,32	4,94	3,71	4,54	4,22	
Clay / Klei %						7,00%	5,00%	9,00%	7,00%	5,00%	7,00%	
Zn	(HCl)	< 1,5	1,5 - 2,0	2,0 - 4,0	> 4,0							
C	%											

## Izikhokelo ngezichumiso zombona.

Chart created by Agrimetrics Maize fertilisation guidelines - based on FSSA guidelines											
NPK - removal by maize per 1 ton of marketable product - replacement maintenance											
Grain only	N	P	K	S							
Stalks and cobs	15	3	3,5	4							
Total	12	1,5	16,5								
Yield target	2	3	4	5	6	7	8	9	10	10+	Comments
Recommended kg N/ha	20	45	70	95	120	145	170	195	220	20 + 20 / %	
Recommended kg P/ha											
Bray 1	0 - 4	20	42	65	88	109	130	130	130	130 +	
	5 - 7	31	47	63	77	93	95	97	97	97 +	Suboptimal - P - P - Build up + Maintenance
	8 - 14	13	19	30	42	50	59	64	67	68	68 +
	15 - 20	10	13	21	29	36	42	47	50	53	53 +
	21 - 27	16 - 20	7	10	15	19	26	31	34	38	41 + Optimal soil - P
	28 - 34	21 - 25	6	9	12	15	18	21	24	27	30 + Above optimal soil - P
Recommended kg K/ha											
Soils with < 25% Clay content	NH <sub>4</sub> OAc	Infel									
< 40	30	16	30	44	58	72	86	100	114	128	128 +
40	36	5	16	27	38	49	60	71	81	93	93 +
60	53	0	9	19	30	40	49	59	67	78	78 +
80	70	0	5	13	22	31	40	49	57	67	67 +
100	88	0	0	9	17	25	33	41	48	57	57 +
120	105	0	0	6	13	20	27	34	41	48	48 +
140	123	0	0	5	11	17	23	29	35	41	41 +
160	140	0	0	5	10	15	20	25	30	35	35 +
Soils with > 25% Clay content	NH <sub>4</sub> OAc	Infel									
0	10	19	28	37	46	55	64	73	82	82 +	
20	18	0	11	20	29	38	47	56	64	73	74 +
40	35	0	5	13	22	30	39	47	56	64	64 +
60	53	0	0	8	16	24	32	40	48	56	56 +
80	70	0	0	5	12	20	27	35	42	50	50 +
100	88	0	0	0	10	17	24	31	38	45	45 +
120	105	0	0	0	8	15	21	28	34	41	41 +

wakho lwenziwe noluqelekileyo olufanelekileyo. Njengoko kubonakala zininzi iinkukacha ezinokujongwa ngumlimi ongenamava onokufumisa inkqubo ecetyiswayo yokuchumisa.

Ilabhoratri nganye evavanya imihlaba iya kuba nolungiselelo olwahlileyo lokunika ingxelo kuxhomekeka kuvavanyo olucelwe ngumlimi, umcebisi okanye iarhente yezichumiso. Kucetyiswa ukuba makusetyniswe ilabhoratri enye kwiminyaka emirinizi ukuze iimvavanyo zemihlaba, amacebiso ngesichumiso neziphumo zezivuno zingathembeka xa kutheleksisa neziggibio ezilungleleyo. Kusoloko kucetyiswa ukusebenzisa iiarhente ezinokuzidibana neengcali zazo ngezemihlaba ukuze iinkukacha zicacengenqubo ethile elandelwayo.

Ukuba kukho amasimi owaface ikalika, inxalenyne yawo okanye ifama, kuya kubaluleka ukubona ukuphucuka kwe pH ngoko ke, ubukho bezondlo zemihlaba ezahluka-hlukileyo, ukuze kulunga-lungiswe inkqubo yokuchumisa ngokweziphumo. I-pH kwisampulu ezinikiweyo inokubonwa njengetanele ukulinywa kwezityalo ukuze kolulve inkqubo yokufakwa kwekalika. Ukufakwa kwekalika makuqhutywe kuphela emva kweengqikelelo zeendleko njengoko uncedo luya kubonakala emva kwamaxhesa amathathu okulima. Ukuba ayanelanga imali yesishihini, kubhetele usebenzise inkqubo eqhele ukucetyiswa. Ukufakwa kwekalika ngendlela echanelekileyo emihlabeni yesakhono esiphezelu kungazandisa ngenene izivuno ngeetoni ezimbalwa ngehektare.

Itheyibhile 1 ingakukhuthaza ukuba ubuze iarhente yakho okanye ingcali ngezemihlaba ngayo nayiphi imibandela ofanele ukuyihlangabeza ukuze uphucule ukuchuma komhlaba wakho nesakhono sesivuno.

Kucetyiswa ukuba iisampulu zemihlaba zithathwe ngoJulayi nangoAgasti ukuze ilabhoratri iphumeze iimvavanyo zakho phambi kokuphithizela okuza emva koko.

## AMACEBISO NGEZICHUMISO

Malunga nempendulo ngombuzo okwintshayelelo kubonakala ukuba imvumelwano yeearhente zezichumiso nabacebisi kukuba xa ufumene umyinge weetonu ezi-6 zombona ngehektare, phinda ufake isichumiso salo mgqaliselo. Xa kungakho omnye unyaka weemvula ezintle unakho ukufumana isivuno esinjalo kulo nyaka.

Nceda jonga **iTheybile 2** malunga nezondlo ezahluka-hlukileyo ezifuneza ngemigqaliselo yezivuno ezahluka-hlukileyo zemveliso ngehektare.

Kubalulekile ukuwazi umgaqo osetyenziswa yilabhoratri yakho ukuze ulinganise iinxalenye ngeenxalenye kunye neminye imiba yomhlaba wakho. Icebiso lisewek ekufakelweni kwezondlo eziya kuphuma emhlabeni xa kuvunwa imbewu. Jonga icandelo elibonisa ukususwa kwezondlo ngembewu yodwa okanye ngembewu kunye neendiza ngokunjalo nezhikhwebu. Ukuba uza kusila okanye wenze iibheyile zazo zonke iiantsalela zezityalo, ngoko ke ukuchumisa kufanele ukulungelelanisa ukuya phezulu ukuze umhlaba ungembibi kakhulu. Oku kuya kucaca kwizityalo ezilandelayo xa kukho unqongophalo lwaso nasiphi isondlo. Amanani aboniswayo alatha iikhogram zezondlo eziphume ngetoni yembewu yombona ovuniweyo.

Itheyibhile 2 iseke ngokubanzi kumgaqo weBray 1 yovavanyo lwemihlaba ibonisa iinxalenye ezingama-26 ngesigidi (ppm) ngephosphate (P), 80 ppm ngepotassium (K), ukuze ibe nganeno kwi 25% kwisiquilatho sodongwe. Umgqaliselo wesivuno ziitonu ezi-6 ngehektare yombona kwimihlaba eyomileyo.

Inkqubo yezichumiso ngomqaliselo weetonu ezi-6 iya kufuna obona buncinane, initrogen (N) engange 120 kg, i 26 kg yephosphate (P), ne 20 kg yepotassium (K) ngehektare. Akucetyiswa ukulima ngaphezu kwama-50 kg enitrogen ngexesha lokutyla ukuthintela ukutsha nokonakala kwezithole. Isityalo sombona singalinywa ngomxube wezichumiso one-50 kg yeN, i-26 kg yeP ne-20 kg yeK ngehektare. Okuqhelekileyo kukuba kufanele kubekho izinc nezinye iziqalelo ezincinanana ukuba zicytysiwe. Ama-70 kg eN asafunekayo aya kuba secaleni lomqolo xa izityalo zimalunga ne-10 cm ngokuphakama nakwibanga lamaggabi eliphakathi kwesi-8 ne-14 kodwa phambi kokuba zidlule kwibanga ledolo ngokuphakama. Oku kuya kuthintela ilahleko yeN ebalulekileyo ngokuhkuliseka ukuba kubakho amathuba amade okuxinana komhlaba. I-N eninzi inokulahleka ngeveki enye kuphela yeemeko zomhlaba ezixineneyo.

Njengoko kubonakala isulphur (S) 'elityelweyo' ilahleka okanye ifuneka ngokwe-4 kg ngehektare. Amanye amaqumrhu athengisa umxube wezondlo onesulphur, kodwa kucetyiswa kakhulu ukufaka umxube wenitrogen efumaneka kwangoko kunye nesulphur emacaleni.

Zidibanise nearhente yakho yezichumiso okanye umcebisi ngezinye izinto ezinokwenziva. Abanye abalimi bafaka zonke izondlo xa betalya kwezi ntsuku kodwa babe semngciphekweni wokulahlekelwa yininitrogen. Kwelinje icala, njengoko kwenzeke kwixesha lokulima elidlulileyo, abalimi bebengakwazi ukuya emasimini, ngenxa yeemeko zokuna kweevemuza ezinkulu, abakwazanga ukuyifaka emacaleni iN efunekayo. Oku kubonakala kwizikhwebu zesibini okanye zesithathu ezingenazinkozo kwisithathu esiphezelu okanye kuvunwe izikhwebu ezinini ezomileyo. Kufuneka kuchongwe imigaqo efanelekileyo yokufakwa kwezichumiso ezingamahlalutyana okanye ezilulwelo.

Imigaqo ekuxoxwe ngayo ngasentla inokusetyenziswa kuzo zonke izityalo ezilinyiwego.

## ISIPHETHO

Ziqonde iimvavanyo zemihlaba yakho ukuze ukwazi ukuchumisa ngokwamanqanaba angawona afanelekileyo kwisityalo esilandelayo. ■

# Ifuthe le Covid-19 kumaxabiso olungiselelo lahlukile

**U**LUNTU LWEHLABATHI NGOKU LULWA NOBU-BHANE WECOVID-19, NANGONA UGQALISELO LUSEMPILWENI, IZIPHUMO ZAKHE KUQOQO-SHO NAKWINTLALO ZENDELE. OKU KWENZEKA NGEXESHA APHO UQOOQOSHO LWEHLABATHI BESELUSEBUGXWAYIBENI.

**Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqosho kuLimo, eGrain SA. Thumela i-imayili apha Ikageng@grainsa.co.za**



Ukususela kuMatshi ngo-2020 ukufika kwalo bhubhane eMzantsi Afrika, irandi yasuka yazika. Ngaphezu koko, siqwala sele ukuwa kweoyile ye-crude kwaze oko kwenziwa mandundu yimivalela-ndlwini. Le mibandela inefuthe elikhulu kumaxabiso eekhemikhaleni nezichumiso ezithengwa kumazwe angaphandle.



loyile ye-crude inendima ephambili kumaxabiso eemveliso zamalungiselelo. Nkqu naphambi kweCovid-19, sibone intengiso engaphezu kwemfuneko yeoyile ye-crude. Emva koko, amaqabane eOPEC nangengawo aweOPEC asilele kufikelelo lwemvumelwano njengoko iRussia yalile ukuxhasa nentwana le. Phakathi kukaMatshi noEpreli ngo-2020, kubekho ukwanda okukhulu kwamanani abantu abaneCovid-19, kwaze oko kwanyanzela imivalela-ndlwini yehlabathi, ekhokelele ekutshabalaleni kwentengo yeoyile ngokweqondo elingazange labonwa ngaphambili. Amazwe eOPEC anyanzeleke ukuba ahlangane kwakhona kuEpreli aze agqiba kwelokunciphisa iintengiso. Iziphumo zoku zibonwa ngamaxabiso awomeleleyo eyoyile ye-crude ukususela kuMeyi ngo-2020. Irandi nge 25,6%, ukususela kuMeyi ngo-2019 ukuya kuMeyi ngo-2020, Ifuthe loko libonakala ekunyukeni kwamaxabiso eekhemikhaleni nezichumiso ngokweerandi.

## IIPATENI ZAMAXABISO EZIBULALI ZEZONAKALISI ZEZITYALO

Xa kuqwalaselwa amaxabiso ezibulali zezonakalisi zezityalo ukususela kuMeyi ngo-2019 ukuya kuMeyi ngo-2020, kubekho ukwehla kweedola zokuthengisa izibulali zezonakalisi zezityalo aphi iLambda-cyhalothrin (42,6%), i-Imidacloprid (29,6%), iCypermethrin (28,2%) neAcetamiprid (26%) zibonakalise ukwehla okukhulu. Xa kuqwalaselwa kwazona ezo mveliso ngokweerandi, kubonakala ipateni yokwehla elandelayo, iLambda-cyhalothrin (27,9%), i-Imidacloprid (11,5%), iCypermethrin (9,9%) neAcetamiprid (7%). Ezinye zibonisa ipateni eyahlukileyo, sibona ukwanda okufikelela kwi 17,1% malunga neChlorpyrifos, kanti oku kunxulunyaniswa, ubukhulu becalala nerandi ebuthathaka.

## IIPATENI ZAMAXABISO EZITSHABALALISI ZOKHULA

Ngonyaka ngamnye amaxabiso ezitshabalalisi zokhula ukususela kuMeyi ngo-2019 ukuya kuMeyi ngo-2020 akwabonisa ukwehla jikelele kwamaxabiso ezithako eizezezona zisebenzayo ngaphandle kweGlyphosate neTrifluralin ebonisa ukunyuka ngokwedola. Ngokwerandi, sibona okwahlu kileyo; amaxabiso alatha ukunyuka okumalunga ne 3% ukuya kwi 45% kwakwelo thuba, ngaphandle kweAtrazine, yona ebonisa ukwehla. Ezi zihlandlo zokunyuka ngokwerandi zinokunxulunyaniswa nerandi ebuthathaka.



## IIPATENI ZAMAXABISO EZICHUMISO

Amaxabiso ehlabathi ezichumiso ngokwedola ukususela kuMeyi ngo-2019 ukuya kuMeyi/Epreli ngo-2020 abonisa ipateni yokwehla; amaxabiso eKCL ehele ubuninzi bawo nge 22,3%, alandelwa yiDAP 20,8%, ngelixa iAmmonia neUrea zehle nge 20,5% nange 19,5% ngokulandelelana kwazo. Ngokwerandi, kwazona ezo khemikhaleni zilandela ipateni yehlabathi zize zibonise ukwehla kweKCL, iDAP neAmmonia ngelixa iUrea ibonisa ukunyuka okuncinane ubukhulu becalala ngenxa yokwehla kwexabiso lerandi.

1

**Amaxabiso onyaka esibulali sezonakalisi zezityalo: Idola yehlabathi nexabiso lerandi.**

	Amaxabiso ehlabathi ezibulali zezinambuzane – utshintsho lonyaka nonyaka (\$/t)			Amaxabiso ehlabathi ezibulali zezinambuzane – utshintsho lonyaka nonyaka (R/t)		
	Meyi 2019	Meyi 2020	% yotshintsho	Meyi 2019	Meyi 2020	% yotshintsho
	USD/t	USD/t	%	R/t	R/t	%
Imidacloprid (95%)	23 262	16 383	-29,6	335 440	296 698	-11,5
Lambda-cyhalothrin (95%)	48 822	28 017	-42,6	704 009	507 385	-27,9
Carbofuran (99%)	16 331	14 732	-9,8	235 489	266 802	+13,3
Deltamethrin (98%)	89 688	79 770	-11,1	1 293 303	1 444 629	+11,7
Acetamiprid (95%)	23 984	17 759	-26,0	345 851	321 612	-7,0
Chlorpyrifos (95%)	6 800	6 341	-6,8	98 056	114 828	+17,1
Cypermethrin (94%)	17 775	12 756	-28,2	256 312	231 019	-9,9
R/\$	<b>14,42</b>	<b>18,11</b>	<b>25,6</b>			

Umthombo weenkukacha: yiGrain SA

2

**Amaxabiso onyaka ezibulali zokhula: Idola yehlabathi nexabiso lerandi.**

	Amaxabiso ehlabathi ezibulali zokhula – utshintsho kunyaka nonyaka (\$/t)			Amaxabiso ehlabathi ezibulali zokhula – utshintsho kunyaka nonyaka (R/t)		
	Meyi 2019	Meyi 2020	% yotshintsho	Meyi 2019	Meyi 2020	% yotshintsho
	USD/t	USD/t	%	R/t	R/t	%
Glyphosate (95%)	4 014	3 299	-17,8	57 878	59 743	+3,2
Acetochlor (92%)	3 190	3 314	+3,9	45 998	60 017	+30,5
Atrazine (97%)	3 378	2 406	-28,8	48 705	43 570	-10,5
Metolachlor (97%)	3 551	3 287	-7,4	51 204	59 519	+16,2
Trifluralin (95%)	5 645	6 520	+15,5	81 398	118 069	+45,1
R/\$	<b>14,42</b>	<b>18,11</b>	<b>25,6</b>			

Umthombo weenkukacha: yiGrain SA

\*linkukacha njengakuMeyi ngo-2020

Umyinge wamaxabiso ezichumiso zeli lizwe ngokwerandi kujuni ngo-2019 ukuya kuJuni ngo-2020, ubonise okwahlukileyo kumaxabiso ehlabathi aze abonise ukunyuka kwamaxabiso ezichumiso zeli lizwe kweli thuba; iUrea (10,2%), iLAN (5,8%), neKCL (1,1%), logama iMAP iyiyo kuhela ebonisa ukuncinane okumalunga ne1,3%.

### ISIPHETHO

AkwaZiwa ukuba izinto ziya kuhela nini okanye njani malunga nalo bhuhane wehlabathi, nangona kunjalo, sekubonakala ukuba uqoqosho lwe-

habathi lusephantsi koxinzelelo. Oku kuzisa amathandabuzo amaninzi kwiiindawo zeentengiso. Amaxabiso ehlabathi malunga neekhemikhali nezichumiso aphantsi ngenxa yamatandabuzo anxulumene nokulima ngokunjalo nokuba neemveliso ezithile ngobuninzi entengisweni; uphawu ekuphela kwalo oluza kusindisa uMzantsi Afrika kukomelela kwerandi, nokuza kunika abalimi ukubambezeleka kwemeko embi. Amaxabiso eBrent crude, nanefuthe kumaxabiso ehlabathi eemveliso zamalungiselelo, ase-nokugcina uxinzelelo olongezelwego emaxabisweni. Isitshixo sexesha lokulima lasehlotyeni kungaba yipateni yeqondo lotshintshiselwano. ■



*A dream does not become reality through magic;  
it takes sweat, determination, and hard work.*

~ COLIN POWELL, FORMER US DEFENSE SECRETARY



# Qaphela ikheshi yakho ukuze uphile

**N**GEXESA LOKUBHALA KWAM ELI NQAKU BESEKUCACILE UKUBA IMEKO YOQQQOSHO YASEMZANTSİ AFRIKA IPHİNDE YASEBUGXWA-YIBENİ NGO-2020 MEKO LEYO EYA KUCHAPHA-ZELA ABALIMI BETHU, NGAKUMBI ABALIMELA UKUZIPHILISA.

Abalimi abaninzi basekwiimeko ezinzima ngokwasemalini ngenxa yembalela nobume bonyaka odlulileyo obunganiki themba ngokoqoqosho. Ngethamsanqa, okulindeleke kwiindawo ezinanzi kakhulu ziziyalo ezihle nengeniso eya kunika isiqabu kuxinzelelo lomqukuqelo wekheshi kubalimi bethu.

Nangona kunjalo, sifanele ukufunda kwiimeko zobunzima ezibangewe kokukhankanywe ngasentia ukususela kunyaaka odlulileyo nabasekuzo abanye abalimi. UMzantsi Afrika liliwze lembalela kwaye uya kuhlala unjalo. Umyinge wemvula wethuba elide waseMzantsi Afrika umalunga nama-464 mm ngonyaka. Thelekisa oku nomyinge wethuba elide wehlabathi omalunga nama-860 mm. Inguqoko kwimozulu ingawachaphazela kakhulu la manani kanti okulindelekyo kukuba uMzantsi Afrika uya kuya ngokuba namaqondo aphezulu obushushu nembalela ekhatshwa ziziphango ezixhalabiso ngakumbi nezifika rhoqo kune namathuba amabi eembalela.

## ULAWULO LOMQUKUQELO WEKHESHI

Ngoko ke, ndifanele ukwenza ntoni njengomlimi ukuze ndiphile? Phucula ulawulo Iwakho lomqukuqelo wekheshi yakho, njengenye yeenxalenye zolawulo Iwemali. Oku kuya kuba ngomnye umngeni abajongene nawo abalimi bethu – wubone njengomngeni ovuyisa kakhulu nowanelisayo.

## Uhlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi

Ukuze uwulawule umqukuqelo wekheshi yakho ufanele ukuhlanganisa uhlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi lonyaka-mali ozayo/omtsha. Ngaphandle kwale nkazo akunakuwazi ukwenza ulawulo lomqukuqelo wekheshi yakho. Njengoko lisitsho igama le yinkazo yomqukuqelo wekheshi yakho, ngoko ke kuxa ingenile ikheshi kuphela okanye xa ihlawulwe kwiakhawunti yakho yebhanki futhi kuxa ikheshi ichithiwe okanye isetyenziselwe ukuhlawula ipuma kwiakhawunti yebhanki yakho apho kubhalwa khona izihlandlo zokusetyenziswa kweakhawunti. Masithi, ukuba akuqinisekanga okanye zange uhlanganisele inkazo yomqukuqelo wekheshi qalisa ngoku ukuyihlanganisa ngokubhala imiqukuqelo yakho yangoku yekheshi engenayo nephumayo. Le nkazo yenene iya kunceda kakhulu xa uhlanganisele uhlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi yakho yonyakamali ozayo. Akukho ndlela iqinqiwego necwangciselweyo yokuhlanganisa inkazo yomqukuqelo wekheshi, umzekelo wenkazo yomqukuqelo wekheshi wanika kwinqaku elingaphambili. Ithuba lobalo-mali Iwahlula-hlulwe ngokweenyanya ezhamba zodwa ukuze kubonakale umqukuqelo wekheshi yakho ngokwenyanya nganye.

Ngenxa yokuba umqukuqelo wekheshi uyingqalelo ebalulekileyo malunga nokusetyenziswa kwe-mali kwishishini lakho lefama, imali ekhoyo ebbankini ngenyanya yinxalenye ebalulekileyo kwinkcazo yomqukuqelo wekheshi. Xa uqukanisele imali ekhoyo echanelekileyo esebhankini, oko kuhokelela kwinzuko yecala elithile, ukuze oko kubangele ukuba mawuqwälasele (ulawule) iinkazo zakho zebhanki rhoqo.



Marius Greyling, Umbhali  
kwipula Imvula. Thumela i-imelyi  
apha mariusg@mcgacc.co.za

Uhlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi lukhokelela kucwangciselu naku-lawulo lwekheshi yakho yeshishini. Injongo kukuchonga iintsilelo zekheshi yexesa elizayo ngokunjalo neentshiyeleka zekheshi, ngoko ke ufumane iinkukacha malunga nolawulo lomqukuqelo wekheshi yakho – khumbula ukuba xa ungenzi milinganiselo akunakuwazi ukulawula. Ngoko ke uhlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi lusisiseko sokufumanisa izidingo zekheshi yeshishini lakho futhi liphinda lwalathe ukuba uya kuyidanga nini ikheshi eyongezelewyo okanye ukwenzelelela imali esetyenziswayo njengoko lukwabonisa naloo mba.

## Inkazo yomqukuqelo wekheshi

Inkazo ngomqukuqelo wekheshi ikwanika iinkukacha neenkazelo ezi-luncedo ngemithombo yengeniso oyifumanayo nokuthi ifumaneka nini njengekheshi. linkukacha neenkazelo ezi-luncedo malunga neenkitho zikwafumaneka kwinkcazo leyo. Inika iimpendulo ngombuzo ongowona ubalulekileyo malunga nokuba ingaba kuya kubakho ikheshi eyaneleyo na yokuhlangabeza iinkitho ngexesa lokwenziwa kwazo.

Xa kubonakala ukuba kuya kubakho iintsilelo ufanele ukwenza ucwangciselu Iwendlela oya kuhlangabeza ngayo iintsilelo. Ezinye iinkitho zifanele ukuhlawulwa ngokwasemthethweni ngexesa elifanelekileyo njengemivozo. Mhlawumbi kukho iingxelo zeenda okhe wazibona okanye weva ngazo kwiinyanga ezimbalwa ezidlu-lileyo ngamaqumrhu anjengoDenel angakwazanga ukuhlawa abasebenzi bawo ekupheleni kwenyanya. Uyiqaphele ke ingxokozelo ebangelwe koko? Ngokuqinisekileyo akufuni nto injalo ukuba yenze-ke kwishishini lakho. Kuphinde kwakho ingxelo yokuba iingcambu zikanobangela wezi ngxaki, umzekelo e-Eskom naseSAA ziingxaki zomqukuqelo wekheshi – enyanisweni ziimeko zeentsilelo zekheshi.

## ISIPHETHO

Khumbula – ukuba ucinga ukuba ishishini lakho linempumelelo, lifanele ukuba nempumelelo kwiinkalo ezintathu. Imeko yemali njengoko iboniswa kuxwebhu Iwemali ekhoyo ifanele ukunika ithemba, ibonise ukuba unempahla yexabiso ephida-phindwe kabini obona buncinane kunamatyala akho. Okwesibini ufanele ukufumana inzuzo – ingeniso maybe ngaphezu kweenkitho ngokobalo olukwinkcazo yengeniso. Okwesithathu ufanele ukuba nekheshi ekhoyo njengoko kuboniswa kwinkcazo yakho yomqukuqelo wekheshi ohambelana nolwalamano lomqukuqelo wekheshi we 120%.

Umqukuqelo wekheshi ubusoloko ubalulekile kodwa ubungahoywa ngabalawuli abaninzi. linguuko ezininzi kubume obungqonge ezolimo ezifana nokutshintsha kwemozulu, ukusetyenziswa koomatshini, inkqubela phambili kwezobuchwepheshe bokusetyenziswa kweekhomyutha, uxinzelelo oluvela kubathengi abafuna ukutya okunempilo okulinywa ngeendlela ezikhuselekileyo, nezinye iinguuko ekugqibeleni ziya kunyanzela abalawuli bethu beefama ukuba bawulawule kakuhle umqukuqelo wekheshi. Sukuqina ebudengeni. Funda izifundo ngolawulo lwekheshi uze uqalise ukuzisebenzisa kwangoko.

Qaphela ikheshi yakho uze ulawule ikheshi yakho ngokohlahllo-mali Iwakho lomqukuqelo wekheshi ukuba unqwenela ukuphila njengomlimi. ■





# 'Nika uKhesare izinto zikaKhesare' – ngoko ke, kungani ungabhaliseli iVAT?

**N**OKUBA UKUBHALISELA UKUBA NGUMTHENGI-SI ONEMFANELO YEVAT OKANYE AKUNJALO SISIGQIBO ESINZIMA KWABAQALAYO NAKU-MASHISHINI AMANCINANE. KUKHO IMITHETHO NEMIMISELO EMININZI ENZIMA MALUNGA NEVAT EYENZA KUBE NZIMA UKUZILAWULELA YONA NGO-KWAKHO. LULUVO OLULUNGILEYO UKUTHETHA NOMGCINI-ZINCWADI NGEZIPHUMO ZOKUBHALISELA ISHISHINI LAKHO IVAT NOKUBA AKUNJALO.

## YINTONI I-VAT?

Irhafu yeXabiso eFakelwayo (*Value Added Tax – VAT*) yirhafu yokuthenga. Yintlawulo efakelwa kwintengo yempahla neenkonzo ngabathengisi abahalise njengabathengisi abanemfanelo yeVAT. Enyanisweni, xa ubhalisa njengomthengisi onemfanelo yeVAT ufana nomthunywa wokuqokelela irhafu ukwenzela iSouth African Revenue Services (SARS). Uqokelelela iSARS iVAT oyihlawula kuyo. Ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli ngo-2018 yonke impahla neenkonzo zifakelwa irhafu ye-15%.

Ukuba ubhalisele iVAT, ufanele ukufakela iVAT ye 15% kwixabiso lokuthengisa impahla yakho, imveliso okanye iinkonzo. Ukuba uthengisa inkukhu ngeR100, udinga ukufakela iR15 kwelo xabiso. Umxumi wakho ufanele ukukuhlawula iR115, iR100 yeyakho, kodwa ufanele ukunika iSARS iR15 xa unika ingxelo yakho yeVAT yenyanga. Oku kubizwa ngokuba **yirhafu esisiphumo**.

Phofu unako ukubanga ukubuyiselwa iVAT yiSARS. Eli bango liya kuba zizixa zonke zeVAT oyihlawule ngayo yonke impahla neenkonzo ozithengileyo. Ukuba uthenge ingxowa yeephelethi zokubeka amaqanda eshishini lakho lamaqanda, uya kuba uhlawule iVAT ye 15% ethilini. Ukuba ubhalise njengomthengisi onemfanelo yeVAT, unakho ukunikela i-invoyisi efanelekileyo yeVAT uze ubange imbuiselo ye 15%. IVAT efakelwa kwimpahla oyithengileyo ibizwa ngokuba **yiVAT engeniswayo**.

Ukubala iVAT mhlawumbi ofanele 1) ukuyihlawula eSARS, okanye 2) ofanele ukuyibanga kwiSARS, uthabatha iVAT engeniswayo kwiVAT esisiphumo:

- Ukuba iVAT esisiphumo yakho inkulu kuneVAT engeniswayo, kufuneka uhlawule iSARS.

Jenny Mathews, umbhalisi kwiPula Imvula. Thumela i-imayili apha jennymathews@grainsa.co.za



- Ukuba iVAT esisiphumo inganeno kwiVAT engeniswayo, unakho ukubanga ukubuyiselwa yiSARS.

## NGUBANI OFANELE UKUBHALISELA I-VAT?

Kumashishini anengeniso engaphantsi kwsigidi esi-1 seeRandi ngonyaka, ubhaliso IweVAT alunyanzelekanga oko kukuthi, useno-kungayibhalisi njengomthengisi onemfanelo yeVAT, kodwa ungenza njalo ukuba uyathanda. Ukuba ishishini lakho linengeniso engaphezu kwsigidi esi-1 seeRandi ngonyaka, unyanzelekile ukuba ubhalise njengomthengisi onemfanelo yeVAT.

## IZINTO EZINGELONCEDO NGOKUBHALISELA I-VAT

Kuya kufuneka ukuba uchithe ixesha elininzi ugcina iifayili futhi ulawula iofisi ngocwango.

- lingxelo zeVAT zifanele ukunikelwa rhoqo, kuqheleke ukuba oko kwensiwe qho kwiinyanga ezimbini.
- Ukuba akubhalisi njengomthengisi onemfanelo yeVAT, unakho ukuthintela imingeni yemiqukuqelo yekheshi okunokubangelwa kukuhiawula iVAT.
- I-VAT ihlawulwa ngokweinvoysi nganye. Ufanele ukuqiniseka ukuba iinkcukacha kwi-invoyisi yerhafu nganye zinegama lakho, iadresi nenombolo yeVAT kungenjalo akunakukwazi ukubanga iVAT malunga naloo invoyisi.
- Ukuba unikele ngeinvoysi enkulu kwithuba elithile leenyanga ezimbini, uya kufanelo ukuhlawula iVAT ebiqukwe kuloo invoyisi ethu-nyelwa eSARS – nokuba uyifumene intlawulo efanele ukuhlawulwa ngaloo invoyisi okanye akunjalo. Oku kuneziphumo kumqukuqelo wekheshi kwaye zibangela iingxaki kumashishini amancinane – ize ingxaki ibe mandundu xa abakutyalayo (abo bakubamba imali)

# PULA IMVULA

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087

Lynnwood Ridge

0040

■ 08600 47246

■ www.grainsa.co.za

### UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8252

liana@grainsa.co.za

### UMAHULELANE KUPAPASHO

#### INFOWORKS

Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie

■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



## INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8283

Jerry Mthombobothi

Mpumalanga (Nelspruit)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMPuma-Koloni (Kokstad)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8252 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha

■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

### IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the  
views of the writers and not that of Grain SA.



## 'Nika uKhesare izinto...

bengakuhlawuli kwangexesha elifanelilekileyo – okanye bengahlawuli kwannto. Kusenokwenzeka ukuba ugqibile ngokulicima elo tyala uez ke ngoko ube sengxakini yokuzama ukufumana loo mali yeVAT eSARS.

- Ukuba akufanelanga kuhlawulisela iVAT kwi-invoyisi nganye oyikhuphayo, unakho ukuba kukhutshiswano ngakumbi ngokumisela amaxabiso empahla yakho ethengiswa ngexabiso elinganeno kunelo ubunokulikhetha.

### IZINTO EZILUNCEDO NGOKU-BHALISA NJENGOMTHENGISI ONEMFANELO YEVAT

- Xa ishishini lakho libhaliswe ngokuthi ungumthengisi onemfanelo yeVAT lidala uluvo lokuba uzimisele ngeshishini kwaye uqhuba imicimbi yeshishini lakho ngendlela yobungcali.
- Ukuba uneshishini elisebenzisa imali eninzi oko kuthetha ukuba umqukuqelo wekheshi wakho uyacinezeleka ukuba akungomthengisi onemfanelo yeVAT kuba akunakukwazi ukubanga iVAT oyihlawuleyo, njengembuyiselo.
- Nantoni na oyithengayo ukuze ube nempahla kwishishini lakho, iya kuba neendleko ezifakelwe i-15% ngaphezulu kuba akusayi kukwazi ukubuya loo VAT kwimveliso oyithengileyo. Umzekelo, ukuba uthenga umatshini nge-R10 000 uya kuhlawula neR1 500 efakelwayo, oya kuyifumana njengembuyiselo kuphela xa ubhalise njengomthengisi onemfanelo yeVAT ukuze ukwazi ukufaka ibango lembuyiselo yeVAT oyifumana seyiphuma eSARS.

### ZISOLOKO ZIKHONA IZINXAXHI EMITHETHWENI: ZIQHELANISE

Yinyaniso ukuba kukho iimeko apho use-nokungamhlawulisi umxumi wakho iVAT nakwezinye iimeko ongenakufaka ibango ngazo kwinkcitho yakho.

I-VAT yahlulwa ngokwezintlu ezintathu ezahluka-hlukileyo ezizezi:

- Kwiqondo eliqhelekileyo: iVAT irhafise-lwa kwi 15%.
- Kwinqanaba elilikhamte: iVAT yi 0%.
- IVAT ayihlawulwa: Enye impahla ayi-rhafiselwa VAT.

Udinga ukufumana icebiso ngenene kwicingcaphephe ukuze wazi ukuba zeziphi iintlolo zokusetyenziswa kwemali ezi-kwiqondo elilikhamte okanye ezingarhafiselwa VAT.

### Eminye imizekelo yempahla

#### engarhafiselwa VAT yile:

- Impahla ekukutya kwesiqhelo efana nobisi, isonka esintsundu, umgubo wombona, umngqusho, amaqanda, imifuno, iziqhamo njalo njalo. Impahla ekwiqondo elilikhamte zizint ezi-19 ngoku.
- Ipetroli nedizili.
- Izondlo zeziwlanyana namayeza ezilwanyana.
- Isichumiso, isitshabalalisi sezidalwa ezonakalisa izityalo nembevu esetyenziselwa ukulima.
- Iparafini.
- Intengiso ebangela inkxalabo.
- Impahla ethengiswa emazweni angaphandile.

### Imizekelo ethile yempahla/iinkonzo ezingarhafiselwa VAT yile:

- Indawo enjengekhaya yokuhlala.
- Imigaqo yoluntu neenkonzo zothutho ngololiwe.
- linkonzo zemfundu.
- Akukho VAT kwinzala yeenkonzo zemali.

### ISIPHETHO

Unokuyibanga imbuyiselo yeVAT kuphela kwiinkcitho zakho ezinxulumene neshishini – xa uneinvoyisi yomthengisi – kungabi ziinkcitho ozifumene ngobuqu bakho, umzekelo, ezokuzonwabis – nokuba uthengele abasebenzi izihlaziyi okanye xa bekukho umcimbi weshishini. UKusetyenziswa kwestselfowuni, uhumbo ngemibandela yeshishini, iESKOM – la mabango onke adinga ukubalwa futhi kwabelwane ngawo phakathi kweenkcitho zeshishini nezobuqu bakho ukuze ukwazi ukufaka ibango leVAT elifanelekileyo. Ibaleka lula ngeconde lomgcini-zincwadi onamava. Unakho ukubhalisela iVAT ekhompyutheni, kodwa kubalulekile ukufumana eyona nto ifanele ishishini lakho ngokufunda banzi ngokubangokhokelwa yingcaphephe.

THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST